Isalathiso: 12/2/8/17/1/2
20170531-1501
Imibuzo: K Lackay

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0004/2017

Iya: KuMlawuli oyiNtloko weZithili, kuBalawuli beZithili, kumaSekela Balawuli beeNkonzo zeZiko (ii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isihloko: Izicelo zeenkonzo ezintsha zothutho lwabafundi ukulungiselela u-2018 (ezeenkonzo ezintsha nezabafundi abongezelelweyo)

1. Kucelwa izikolo zigxininise kuphela kwizicelo zenkonzo yothutho lwabafundi (*learner transport* service) (*LTS*) zika-2018 ukususela kwikota yesithathu ka-2017. Ukusetyenzwa (*processing*) kwezicelo ze*LTS* ezikhoyo ngoku zango-2017 kuyaqukunjelwa kwaye kucelwa izikolo ukuba zingangenisi ezinye izicelo ezitsha ze*LTS* zango-2017.

2. Izicelo zeziko **zeendlela ezintsha** ezenzelwe uJanuwari 2018 mazingeniswe kumphathi wesekethe ochaphazelekayo ungadlulanga owe-**28 Julayi 2017**.

3. Izicelo zokufakwa **kwabafundi abongezelelweyo** kwiindlela esezikho ezenzelwa uJanuwari 2017 mazingeniswe kumphathi wesekethe ochaphazelekayo ungadlulanga owe-**11 Agasti 2017**.

4. Izikolo maziqalise ukulungiselela izicelo ekunikwe izizathu ngokupheleleyo ezixhasa izicelo ezo xa zivula kwakhona kwikota yesithathu ka-2017.

5. Kucelwa umphathi wesekethe angqinisise okanye agqibe ukuba ingaba abafundi banokufakwa na ezikolweni okanye ezihostele kunye nokuzalisa iSihlomelo B sefom yesicelo phambi kokuba kunikwe ingqalelo yokufakwa kwaba bafundi kwisikim sezothutho.

6. Amagosa ezithili achaphazelekayo aya kusebenza ezo zicelo njengoko kuyimfuneko baze bangenise izicelo ezisayiniweyo ezineemephu zeendlela kwiCandelo lokuXhasa amaZiko ngeziBonelelo ukwenzela ukuba zibe nokuqwalaselwa nguMnu Keith Lackay, onguSekela Mlawuli weCandelo le*LTS*, ungadlulanga owe-**31 Agasti 2017**.

7. Fumana apha kuqhotyoshelwe ikopi yefom yakutshanje yokwenza isicelo se*LTS*, yangoJulayi 2015, eya kusetyenziselwa le njongo ikhankanywe ngasentla. Kucelwa uqinisekise ukuba onke amacandelo esi sicelo azalisiwe.

8. Kubaluleke kakhulu ukuba izicelo zeendlela ezintsha nabafundi abongezelelweyo bafumaneke kwangethuba ukwenzela ukuba kube nokuthengwa iinkonzo zize zifumaneke ngosuku lokuqala lwesikolo ngo-2018.

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO
UMHLA: 2017-06-09